



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P3**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ iiyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:
 

|                                   |      |
|-----------------------------------|------|
| ICANDELO A: Izincoko              | (50) |
| ICANDELO B: Imihlathi emide       | (30) |
| ICANDELO C: Imihlathi emifutshane | (20) |
2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-
  - 80 kwiCANDELO A.
  - 40 kwiCANDELO B
  - 30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. UBUDE BEEMPENDULO:
 

|                                    |   |
|------------------------------------|---|
| ICANDELO A: Izincoko-              | Bhala isincoko esili-190–240 amagama.       |
| ICANDELO B: Imihlathi emide-       | Bhala ama-80–100 amagama. [umxholo kuphela] |
| ICANDELO C: Imihlathi emifutshane- | Bhala ama-60–80 amagama. [umxholo kuphela]  |
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- 1.1 Iziyobisi [50]
- 1.2 Andinakuze ndiphinde ndibamamele abahlobo [50]
- 1.3 Imali [50]
- 1.4 Itekhnoloji nemisebenzi [50]
- 1.5 Ukubaluleka kokulondolozwa kwendalo [50]
- 1.6 Xa ndinokuphumelela ibanga leshumi elinesibini emagqabini [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthathwe kwi-intanethi] [50]

1.7.2



[Uthathwe kwi-intanethi]

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE****UMBUZO 2**

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo. Khumbula ukuYILA.

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umbalisele ngetheko obumenywe kulo. [30]

**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yesihlobo sakho. [30]

**2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba lengingqi yakho unike iingcebiso malunga nokuziphatha ngexesha leeholide zikaDisemba. [30]

**2.4 INGXOXO YABABINI/IDAYALOGU**

Bhala ingxoxo ephakathi kwabafundi ababini abaxoxa ngokubhatalwa nokungabhatalwa kwemali yokufunda edyunivesithi. [30]

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha umhlathi ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo Khumbula ukuYILA.

#### 3.1 ISIBHENGEZO-NTENGISO

Bhala isibhengezo-ntengiso semveliso efikayo kwishishini lakho.

[20]


#### 3.2 IPOSIKHADI

Bhalela umakazi wakho iposikhadi umbalisele ngohambo lwakho kwilizwe laphesheya kolwandle.

[20]

#### 3.3 IZALATHISI

Nceda umhlobo wakho osuka e*North End Railway station* umalathise indlela eya e*Nelson Mandela Bay Stadium* ahambe ngesitalato iGovan Mbeki.



[Ithathwe ku[www.mapstudio.co.za](http://www.mapstudio.co.za)]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20  
AMANQAKU EWONKE: 100

